ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Husain Mollagee**
ICandelo le-*eLearning*
husain.mollagee@westerncape.gov.za | 021 467 2855

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 24/4/1
Isalathiso: 20230711-6417

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0003/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa iBakala 12

**Isihloko: Ibhanki enguvimba wedatha yeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke yesisti yekhompyutha yemibuzo neempendulo**

1. Iyafumaneka inkxaso kubafundi ababhala uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) yemathiriyeli echaphazelekayo ukulungiselela ilayibrari yesistim yekhompyutha ekwifomathi yemibuzo neempendulo (*Q&A*) esekelwe kumaphepha emibuzo e-*NSC* eminyaka egqithileyo, kwi-*Learning Management System* (*LMS*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni. (Makufundwe apha https://wcedelearn.westerncape.gov.za.)

2. Le bhanki inguvimba wedatha yemibuzo neempendulo inxulumene namaphepha emibuzo e-*NSC* aphakathi kowama-2008 nowama-2022 yaye iquka izifundo ze-*Curriculum Assessment Policy Statement* kuzo zombini iilwimi, isiNgesi nesi-Afrikansi. Abafundi banikwa ithuba lokuvavanya iimpendulo zabo kwimibuzo, yaye bayinikwa ngoko nangoko inkcazo ngokuqhubekayo.

3. Ezi zibonelelo zemibuzo Ezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (*Q&A*) zisekelwe kwicandelo lokuqala lamaphepha emibuzo eminyaka egqithileyo kuzo zombini iindidi zefomathi zemibuzo, imibuzo ekhethisayo (*multiple choice*), iimibuzo efuna kukhethwe iimpendulo ezihambelana nemibuzo ngokuchanekileyo kwikholam (*matching column)* nemibuzo efuna iimpendulo ezimfutshane yaye zinganako ukusetyenziswa njengenxalenye yeeklasi zokufikelela kwikhontenti ekufuneka ifundiwe, ezenzelwe iinjongo zokurivayiza okanye njengoko kuyalelwe ngootitshala bezifundo.

4. Izifundo ezifumanekayo zidweliswe kwisihlomelo esiqhotyoshelweyo. (Makufundwe isiHlomelo A.)

5. Ukufikelela kwizibonelelo, abafundi beBakala 12 kufuneka babeneenkcukacha zokungena kwikhompyutha (*login credentials*) ezifumaneka kwi-*CEMIS* kwinkqubo ecaciswe ngezantsi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela ngqo kwizibonelelo zemibuzo neempendulo (Q&A) ezifumaneka ngoku nezihambelana nezifundo zabo abazikhethileyo.

6. Iinkcukacha zokungena kwikhompyutha zomfundi ziyafumaneka kwi-"CEMIS", phantsi kwe-ayithem yemenyu ephawulwe "Reports", emva koko phantsi kwemenyu engu- "LMS". Kunokwabelwana nomfundi weBakala 12 ngamnye ngeeNkcukacha zoMfundi zokuNgena kwikhompyutha.

7. Kunikwe isikhokelo esinamanyathelo alandelelanayo ukuncedisa abasebenzisi bekhompyutha bafikelele kwezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (Q&A). (Makufundwe isiHlomelo B.)

8. Ukuba nifuna ingcaciso okanye inkxaso engaphezulu, kucelwa niqhagamshelane nabacebisi be-*eLearning* bezithili zenu ngokusebenzisa le linki ingezantsi: [https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor.](https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor)

9. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2023-07-17